

INTSHAYELELO

1 Oluphando luyinxalenye lophando olubanzi olubizwa Community Voices in Health Governance-Translating Public Participation into Practice in a World of Pluralistic Health System (COMPLUS).

INDAWO

2 iCOMPLUS luphando lamazwe aliqela, aquka iBrazil, iIndia, noMzantsi Afrika. Esisifundo sisezantsi senzewe eNtshona Koloni, eMzantsi Afrika.

INKQUBO ENINZI YEZEMPILO

3 Inkqubo yezempilo apho ababoneleli bakarhulumente kwaye nababucala besebenzisana kwinkqubo enye, kwaye babelane ngeenjongo nemigaqo. Xa kudityaniswa iinkqubo yezempilo yoluntu neyabucala, inkqubo yezempilo eninzi ifuna ukuhambisa iinkonzo zonyango ezihambelanayo, ezilinganayo, nezifikelelayo.

4 Ukuthatha inxaxheba koluntu kubalulekile ekuphuculeni ukuphendula kwenkqubo yezempilo, ukwethembeka kwaye nokuqinisekisa ukubonelelwa kwekonzo ngokulinganayo eluntwini.

IINJONGO ZESISIFUNDO



- Ukuqonda ukuba ukuthatha inxaxheba koluntu kuhamba njani (i.e. iikomiti zezempilo zisebenza njani).
- Ukuchonga izinto ezenza uthatho nxaxheba lubelula okanye lubenzima.
- Ukuphonononga ukuba iikomiti zezempilo zizibandakanya njani kwaye ziyiqonda kangakanani iNHI.

INDLELA



Esisifundo sisebenzise indlela ezimbini zokuqokelela idatha.



iSurvey yeenziwa namalungu ekomiti zempilo (abathathi-nxaxheba abayi132 asuka eKhayelista, iqela laseMannenberg, neqela laseGugulethu) kwaqokolelwa iingcukacha ezibalwayo.

Kubanjwe amaqela eengxoxo ayi13 kwezindawo kuqokelelwa iingcukacha ezisemgangathweni.

UKUQOKELELWA KWEDATHA

- 13** IIFDGS NEEKOMITI ZEMPILO EZISUKA EKHAYELITSHA, NAKWAMAQELA ASEMANNENBERG NASEGUGULETHU.
- 132** AMALUNGU EKOMITI ZEMPILO APHENDULE ISURVEY EBINEMIBUZO EYI75.

KHAYELITSHA



Siqokolele iincukhaca kwamanina ayi98 namanene ayi34.

Iminyaka yabathathi-nxaxheba kuphando Akuluhlu eliqala ku19 liyotsho ku72, ununzi lwabo lineminyaka ephakathi kuka40 no 50

“ **LENTO SIYENZA KUBA ULUNTU
LWETHU LUTHEMBELE KUTHI, NAXA
INKQUBO INGASEBENZI** ”




IZIPHUMO: IMIXHOLO EVELA KWIDATHA

INDIMA YAMALUNGU EKOMITI ZEMPILO NGOKU




Ulwazi kunye
nemfundo
yoluntu



Ukuphakamisa
iinkxalabo,
ulawolo
lwezikhalazo




Inkxaso
kwixesha
leengxaki:
Covid-19



Ukumela
nokuthethela
uluntu


INKXASO KWINTATHO-NXAXHEBA YOLUNTU



Uqeqesho
nokwakha
iizakhono



Ubudlelwane
boku-
sebenzisana




Inkuthazo



Ukuqatshelwa


IMIQOBO EKUTHATHENI KWENXAXHEBA KOLUNTU




iiNgxabano
zangaphakathi



uku-
nqaqatshelwa



Ubudlelwane
obunobunzima




Iikominti
ezinyuliweyo
nezizimeleyo

ISIDINGO SOKUPHUHLISWA KWEZAKHONO NENKXASO ESISISEKO




Ulwazi
olunganelanga
kwemigaqo-nkqubo
kunye nezikhokelo
zikhulumente



Akukho zixhobo
ezisemgangathweni
zamalungu angenayo
ekomiti zempilo



Kufuneka ucaco
lwendima
zekomiti zempilo
ukuze zisebenze
kakuhle



Ukuqinisekisa
inkxaso esisiseko
ezinzileyo

IZIPHUMO: IMIXHOLO EVELA KWIDATHA

UKWETHEMBEKA, UBUNYANI, KUNYE NAMANDLA PHAKATHI KWABANTU



Inthembeke
ebuthakathaka
xa iikomiti
zingaqatshelwa



Amalungu ekomiti amele
abahlali boluntu kufuneke
babonise iyantlukwano
yoluntu ngokubanzi



Ukungalingani kulwahlulo
lwamandla Phakathi
kwabasebenzi benkonzo
zempilo kunye namalungu
ekomiti zempilo



Amalungu eekomiti ezinyuliweyo
ziye zikhangeleka zithyala
intando karhulumente, zibe
iikomiti ezizimeleyo zona
zizibona zinamagunya ukogqitha
ezinyuliweyo emehlweni oluntu

ULUWAZI NOKUQONDA OLUNGANELANGA NGE-NHI



Ulwazi nokuqonda
okuphantsi ngeNHI



Ukubanelizwi
elingomelelanga
njengekomiti kwenza
kubenzima ukuze iikomiti
zibenegalelo neengcebiso
ezibonakalayo ekuhlaleni



Ithuba eliphosiweyo: iikomiti
zempilo azinalo ifuthe
kwizicwangciso zeNHI
ezichaphazela iikliniki zazo



Kukho imfuneko
yoqeqesho
olucacileyo ngeNHI

ZIYABANDANYEKA KWINTSEBENZO YEKLINIKI NGAPHANDLE KOKUNIKWA IGUNYA LOKUTHATHA IZIGQIBO



Kukho izikhewu
ekubandanyakeni
kweekomiti zempilo
ekuthatheni izigqibo



Uthatho-nxaxheba
lukwintsebenzo,
alukho
ekucwangcisweni



Iikomiti zempilo zii-
arhente zokuxhasa,
hayi ekulawuleni



“**UKUBA ASILUNGISANGA, SIZOKULINCEDA
NJANI ULUNTU UKUZE LIYIQONDE KWAYE
LUZUZE KWI-NHI?**”

IINGCEBISO

JIKELELE

- Ukubonelela ngoqeqesho olujoliswe kwiNHI ne-Ideal Clinic Manual)
- Ukubonelela ngenkxaso yezixhobo (e.g. imali yezothutho)
- Ukucacisa indima zeekomiti ezinyuliweyo nezizimeleyo

INQANABA LOMGAQO-NKQUBO

- **iiNdimba ezicacileyo:** imithetho neendima zeekomiti zempilo zicaciswe kwaye ziqheliswe wonke umntu
- **Ilizwi elisemthethweni:** iikomiti zempilo kufanele zibenendawo ecacileyo kwiinkqubo zokuthatha izigqibo ezintsha zeNHI
- **Uqeqesho olufanekileyo:** ukuze amalungu aphuhlise izakhono zawo kufanele afumane uqeqesho oluxhaswe ngemali, olungaguqukiyo kwizwe lonke
- **Nyulwe luluntu:** amalungu kufanele enyulwe luluntu, banganyulwa ngosopolotiki, ukuze kuqinisekiswa ukuba bamele uluntu luphelele ngokwenene
- **Ulwabiwo-mali olubekelwe bucala:** iikomiti kufanele zifumene inkxaso-mali yazo yezothutho, izixhobo, nemisebenzi
- **Imfundo yolunyo ngeNHI:** iphulo likalizwelonke elizokuchaza iNHI ukuze amalungu eekomiti zempilo noluntu bayiqonde

IINGCEBISO

INQANABA LEZITHILI NEZIKO (IKLINIKI)

- **iiNtlanganiso ezisemthethweni, rhoqo:** iiKomiti zempilo kunye nomphathi wekliniki kufanele bedibene rhoqo, kukho i-ajenda ecwangisiweyo kunye nendlela yokulandela ingxelo
- **Uqeqesho lwabasebenzi bezempilo ngeekomiti:** Abasebenzi bezibhedlele/neekliniki kufanele baqeqeshwe ngokuhlonipha, ukuqonda, nokusebenzisana neekomiti zempilo
- **Ukuxhasa uthatho-nxatheba:** alamungu kufanele efumene inkxaso ebonakalayo (imali yezothutho, i-airtime, nezinye izibonelelo) ukuze bakwazi ukuya kwiintlangano nokwenza umsebenzi wabo
- **Ukusombulula ingxaki bebambene:** ukuvula amajelo okiuncedisana ekusomboluleni iingxaki Phakathi kweekomithi, abaphathi beekliniki, namagosa ezithili

“NDICINGA UKUBA LEKOMITI
YENZELWE UKUHOMBISA”

